



Umzimba omkhulu wendlovu

IsiXhosa

Harold Gondwe



Umzimba omkhulu wendlouu

Ibhalwe nguHarold Gondwe
Izotywe nguKaren Ahlschläger



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi



Kudaladala, indlovu yayiyikumkani yazo zonke izilwanyana. UNdlovu ke wayekhawuleza acaphuke. Izilwanyana zazimoyika kakhulu.

Igama nje elinye alikhupha ngomlomo wakhe ukumkani uNdlovu, lalizoyikisa zonke izilwanyana. Ngelo xesha ke uNdlovu wayengekabi nomzimba omkhulu njengokuba simazi.

Umzimba wakhe yayingumzinjana nje omlingeneyo. Wawulingana nomzimba wengonyama.



Yonke imihla kusasa, izilwanyana zaziphuma ziye kuzingela ukutya.

Njengazo zonke ke izilwanyana, naye uNdlovu wayehamba aye kuzingela ukutya aza kukutya nosapho lwakhe. Kwakunganqongophali ukutya endlini yakhe, kwakusoloko kukuninzi.

Ngenye imini uNdlovu wasuka wonqena ukuya kuzingela ukutya. Wazithethela yedwa wathi: “Ndiyikumkani yezilwanyana zonke, kodwa kufuneka ndizingele njengezinye izilwanyana. Suka, mayiphele loo nto.

Zonke izilwanyana kufuneka zindiphathele ukutya apha endlwini yam.”



UNdlovu waqonda ukuba xa engenokuba necebo elikhawulezileyo, uza kufa yindlala nabantwana bakhe kuba wayesonqena kakhulu.

Wacinga icebo. Wahleka kakhulu waze wathi: “Uyabona ke, icebo lam liza kuqinisekisa ukuba andizukuzingela ixesha elide.”

UNdlovu ke wabiza umqeshwa wakhe onguMvundlana.



UMvundlana wafika wathi kuNdlovu:
“Ndim lo Kumkani wam, ndingakunceda njani namhlanje?”

UMvundlana wayemoyika kakhulu uNdlovu. Xa ethe wenza impazamo, uNdlovu wayemtsweba kanobom apha ezindlebeni, zide zophe.

“Kuza kufika indlala kwesi sizwe sam, akuzukunetha mvula ixesha elide kwaye akukho zityalo ziya kuphinda zikhule. Zonke ke izilwanyana kufuneka zizise ukutya phaya endlwini yam ukuze ndikugcine.”
Wakhwaza ngelizwi elikhulu.

“Ingaba ke ngoku, ufuna ndikwenzele ntoni kumkani wam?”



“Mvundlana, uze undiphulaphule ngenyameko. Ndiyayazi ukuba iindlebe zakho aziva ncam. Ukuba ukhe wenza impazamo, siza kuxabana kakhulu.”

“Ndikuva kakuhle Kumkani. Andicingi ndenze impazamo. Ndiza kukhawuleza ndibuye, ndiya kuthembisa,” watsho ebaleka esimka uMvundlana.

“Bantu bakuthi, ukumkani wethu, uNdlovu uyacela ukuba ukususela ngomso, sithathe ukutya sikuse endlwini yakhe kuba siza kufikelwa yindlala nembalela. Ngoko ke ufuna ukusigcinela ukutya.”

UMvundlala wasijikeleza sonke isizwe
sikakumkani uNdlovu esazisa zonke
izilwanyana ngomyalezo wekumkani.



UNdlulamthi wavele wathi:
“Hamba uyokuxelela
ukumkani wakho ukuba
mna soze ndilambe,
mininzi kakhulu imithi.”

“Ndivumelana nawe
Ndlulamthi,” watsho
uMpungutye.



“Tyhini nkosi yam. Le Kumkani inenkathazo kodwa. Sinako nje ukuzigcinela ukutya kwethu emakhaya.”
Watsho ecaphuka uMvolofu.



“Nam ndivumelana nawe mhlobo wam, sinako ukuzigcinela ukutya kwethu.”
Watsho uMbabala.

“Andizi kuyenza loo nto mna, futhi andizukuya apho,” watsho uNgonyama esitya inyama yakhe.





Kungegqithanga ntsuku zininzi, indlu kaNdlovu yayisele izele kukutya. UNdlovu wahleka akubona ukuba icebo lakhe lisebenzile.

Waqalisa ukutya nayiphi na into ayithandayo, nokuba yinyama, iziqhamo, imifuno abe esela nantoni na ayithandayo.

Engakhange aqonde uNdlovu, umzimba wakhe waye usiba mkhulu ngokuba mkhulu. Imilenze neendlebe zakhe zakhula ngokhawuleza zaba nkulu.



UNdlovu waqonda ukuba wenze impazamo waze wazama ukumana ezivocavoca eqinisekisa ukuba umzimba wakhe awuphindi ube mkhulu. Nangona wayesenza oku, umzimba wona waye usiba mkhulu ngakumbi.

Weviwa uNdlovu esithi: “Ndenze enkulu yona impazamo, ngoku kufuneka nditye kuphela amagqabi, ndiyeke ukutya yonke into le ukuze unciphe umzimba wam.”

UNdlovu wayezisola kodwa ngelishwa, umonakalo wona wawusele wenzekile.



UMvundlana wayebona ukuba izinto azisahambi ngendlela kukumkani.

Weviwa ebuza ikumkani: “Kumkani wam, ingaba awuphilanga?”

“Ndikhangeleka ndigula kuwe? Mvundlana ndincede musa ukundicaphukisa.

Awunamsebenzi wendlu ofanele kukuwenza?”

“Hayi Kumkani wam, ndibona ukuba umzimba wakho uya ukhula usiba mkhulu usuku nosuku.”
Watsho uMvundlana.



“Ndingakunceda ngeyeza lokuthoba ubunzima bomzimba wakho, liyasebenza kakhulu,” watsho uMvundlana ezifihla ukuba uyahleka.

“Khange ndithi ndifuna uncedo lwakho Mvundlana, uyandiva?”

“Ndingakunika eli yeza kuphela xa unokundinika into endiyifunayo.” Watsho uMvundlana ezama ukuxokisa uNdlovu.



UNdlovu waphendula ecaphuka:

“Hlukana nam wena, ndiza kukubulala ngoku. Lo ngumzimba wam, andazi kutheni uzikhathaza ngawo.”

“Ndifuna ukuba undenze uKumkani inyanga nje ibe nye ngelixesha usebenzisa eli yeza lokuthoba ubunzima bomzimba wakho.”

“Soze yenzeke ke leyo,” uNdlovu wazama ukumbamba waze watsiba uMvundlana wabaleka.

“Awusoze undibambe, khumbula kaloku ukuba umzimba wakho mkhulu kakhulu.”
Watsho ephelile yintsini uMvundlana.



“Tshotsho Ndlovu, kaloku wena uyonqena.
Khawuzijonge ukuba unjani ngoku,”
waqhuba uMvundlana ehlekisa ngoNdlovu.

UNdlovu wathula wathi cwaka kuba wayebona
ukuba akukho nto anokuyenza ngaphandle
kokutya amagqabi. Wayenethemba lokuba
xa esenza oko umzimba wakhe uza kuncipha.
Ngelishwa, kude kube namhlanje, awuzange
unciphe umzimba wakhe.

IMIBULELO KWABA

Ibhalwe ngu

Harold Gondwe

Izotywe ngu

Karen Ahlschläger

Umhleli

Mavis Ndlovu

Umhleli

PixelPing Design

Umgququleli

Nontsikelelo Ntusikazi

UMqinisekisi woBulunga

Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00750-3

